# Umpanga! ka Rev. B. S. Mazwi.

## Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.

Nantso ke nambhlanje indlu yase Moravi
Kuwe! Halleluya iza inenyembezi
Ngxam enkulu yase Betleheme
Mhlabi ngezihlabo use Zulwini.

Ulwenzile unqangazo kwa Mazwi
Watabata Intsika yomzi wabo
Washiya usapo lukedamile
Camagu ke! Ngwenya Enesiziba.

Ngonyama yesixeko sama Afrika
Ngonyama yesixeko sase Afrika
Tutuzela Intsapo yakwa Mazwi
Tsheli! Mikayeli! Vela uyilamlele.

Xa ususayo ukupefumla kwabantu
Baze babhubhe bona
Makusifundise nati ukubugqala
Ubukumkani bamazulu.

Lomfundisi! Umfi B. S. Mazwi
Besisiti ukumbiza ngu bawo
Kuba ebenotando olunzulu
Nobunye bentliziyo kubantu bonke.

Ubeligxalaba litwele izigxeko
Zabantwana bendawo ngendawo
Besonwaba kuye bangatutumali
Ukuvuma amatyala pambi kwake.

Akunalusizi Kufa
Akunako ukucengwa
Bubuninzi benyembezi
Akunaku shukunyiswa

Taru! Mfundisi Mazwi owawusiwa
Kuyo le Afrikanundzondzoteka
Upapasha udaba lwasezulwini
Pakati kwale miganxanxa yelilizwe.

Senze sikumbule imihla yako
Xa sasibhinqa iu'ca ngokuswela Izwi
Washumayela sasoyisa nentshaba
Sisilwa nazo ngentonga zoloyiso.

Taru! Mfundisi Mazwi owayihluba
Ivangeli ekuhleni e Moravi
Zidume nendonga zendlu yakona
Zibuye nezihange emadotyeni.

Taru! Mfundisi Mazwi owayeshumayela
Ivangeli bakangele bayeke
Ndlovu enemigudu kule Afrika
Ihashe lenkumanda lilahlekile.

Usiduluteke! Mnini-nto zonke
Isicaka sako ngoxolo kuti
Abaprofeti bamve ngabelusi
Eqqita ne Ngilose esinga Kuwe. Camagu!

Taru! Mfundisi Mazwi owayewutsho
Umtandazo bonke batyabatyeke
Bawubone ubuqaqauli bawo.
Nabampoxe ezindle njengesikova.

Ligangate elase Paradise
Ndembelele enkulu yase Afrika
Fika! Kona azamazame namazul'
Zibetane nezinto zasesihogweni.

Wabizwa! Nto ka Mazwi ngu Gabriyeli
Yiya! Hlebela Ingwevu zalondawo
Amatambo ako alele ekufeni
Az'agqume e Afrika kuvele i Langa.

Ligangate elase Paradise
Ndembelele enkulu yase Afrika
Banoyolo ababhuhhela Enkosin'
Kodwa ngasesihogweni seyizintuli

Ligangate elase Paradise
Ndembelele enkulu yase Afrika
Fika kona sipanyaze Isihogo
Ajube u Satana ondlebe zinoboya.

Wabizwa! Nto ka Mazwi ngu Gabriyeli
Yinyuke ke Londuli ye Kalvari
Utwele izikalo ze Sizwe sakowenu
Uzisa Kuyo Ingqongqo yo Mnqamlezo.

Amatambo ako alele ekufeni
Makenze ungqungqo Esangweni le Ziyon
Kuba wati nanxa umka e Komani
Wabiza Intsapo wazipehlelela, Taru!

Zapalala inyembezi sakuba sisodwa
Sakucinga ngabaninzi abangasekoyo
Kuba namhla sinjenjenje sesingamololo
Sasisiya kunye nabo kuyo Indlu Yako
Amen! Taru!!